Isalathiso: 20211022-6959
Inombolo yefayili: 13/9/2
Imibuzo: I-Ofisi yeSithili

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0019/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Izicelo zabaviwa abosuleleke yi-*COVID-19* okanye ababekwe bodwa bucala kuba bosulelekile/ababekwe bucala kuba bedibene nabantu abosuleleke yi-COVID-19 abanqwenela ukubhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)* zangoNovemba/zangoDisemba 2021

1. ISebe leMfundo esiSiseko ngokubonisana neSebe lezeMpilo, lavuma ngowe-04 Novemba 2020, ukuba abaviwa abafunyaniswe bosuleleke yi-*COVID-19* okanye ababekwe bodwa bucala kuba bosulelekile *(in isolation)*/ababekwe bodwa bucala ngenxa yokuba bebedibene nabantu abosuleleke yi-*COVID-19*, bavunyelwe bazibhale iimviwo ze-*NSC* zangoNovemba 2020, phantsi kwemiqathango ethile. Le mvumelwano isasebenza nakwiimviwo ze*NSC* zangoNovemba/zangoDisemba 2021.

2. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0015/2020, yomhla we-06 Oktobha 2020, eyacacisa iprothokholi yokubhalwa kweemviwo zeNSC zangoNovemba 2020 ukulungiselela ukuthotyelwa kweemfuno eziyimiqathango ye-*COVID-19*.

3. Abazali/abagcini/abanonopheli bomviwa we*NSC*–
   - ofunyaniswe osuleleke yi-*COVID-19* nobekwe yedwa bucala kuba esulelekile (in *isolation*) okanye
   - umviwa **obekwe yedwa bucala kuba edibene nomntu osuleleke** yi-*COVID-19*

   banokufaka isicelo sokuba umntwana wabo/umntwana ogcinwa ngumzali ongengowakhe *(ward)* azibhale iimviwo zangoNovemba/Disemba 2021.

4. Abazali/abagcini/abanonopheli bomviwa ofunyaniswe osulelekile yi-*COVID-19* okanye umviwa obekwe yedwa bucala kuba osulelekile/**obekwe yedwa bucala kuba edibene nomntu osulelekileyo**, mabaxelele inqununu ngoko nangoko ngemeko yomviwa. Inqununu mayinike umzali/umgcini/umnonopheli le fom iqhotyoshelweyo yokwenza isicelo, **isiHlomelo A,** yaye abazali/abagcini/abanonopheli mabazalise icandelo 1 ukulungiselela umnyinyiva wokuba umviwa abhale uviwo (iimviwo) **kwindawo (kwiindawo) yokubekwa bucala evunyiweyo kwisithili.**

5. Abaviwa abosuleleke yi-*COVID-19* okanye ababekwe bucala kuba bosulelekile/ ababekwe bucala kuba bedibene nomntu osulelekileyo **banokubhala kuphela kwindawo (kwiindawo) yokubekwa bucala evunyiweyo kwisithili kuphela.**

6. Bonke abenzi-sicelo mabachazelwe ukuba ukuzaliswa nokungeniswa kwefom yesicelo ngokuyimpumelelo **AKUYI KUBA** yinkcazelo yokuba umviwa uya kunikwa imvume yokubhala uviwo (iimviwo). Isigqibo sokugqibela siya kwenziwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni.

7. Ifom yesicelo kunye namaxwebhu abubungqina achaphazeleakayo ayimfuneko mazingeniswe kwinqununu ubuncinane kwiiyure eziyi-24 phambi komhla (kwemihla) nexesha (namaxesha) loviwo.

8. Kwakuba kufunyenwe ifom ezalisiweyo, inqununu mayizalise icandelo 2 lefom yesicelo ize iyigqithisele ke ngoko kumlawuli wesithili/kwigosa lesithili ekudluliselwe kulo amagunya eliya kusingqinisisa isicelo. Isigqibo sokugqibela siya kurekhodwa kumacandelo 3 no-4 yaye siya kwaziswa isikolo ngumlawuli wesithili noya kuthi azise umenzi-sicelo

9. Ukuba isicelo sibe yimpumelelo umviwa uya kwaziswa ngencwadi ebhaliweyo yi-ofisi yesithili ngendawo apho umfundi aya kubhalela khona uviwo lwakhe.

10. Amalungiselelo alolu hlobo aya kusebenza kude kube lusuku lwe-10 kuphela emva kokuba umviwa evavanyelwe usuleleko okanye eqalise ukubekwa bucala kuba osulelekile/obekwe bucala kuba edibene nomntu osulelekileyo. Emva koko, umviwa unokuqhubeka ukubhala iimviwo zakhe kwiziko lokubhalela uviwo eliyintsusa.

11. Kukhunjuzwa iinqununu ukuba ikhowudi engu-**"999"** no**-IV** (indawo ebucala) mazibhalwe **kwimakhishithi nakwi-*Script Control Register*** ngakwigama lomviwa kuzo zonke iimviwo ezibhalwe kwindawo yabucala (*isolation venue*).

12. Niyacelwa nifumane olu xwebhu lweemfuno ezimiselweyo luhlaziyiweyo: *Protocol on the writing of the 2020 November examination in compliance with the COVID-19 requirements*, lomhla we-08 Novemba 2020, oluqhotyoshelwe **njengesiHlomelo B**.

13. Abazali/abagcini/abanonopheli abakufihla ngenjongo ukuba umviwa abamnonopheleyo wosuleleke yi-*COVID-19*, baya kujongana nengalo yomthetho ukuba kungenzeka kufunyaniswe kamva ukuba bayifihla ngabom nangenjongo le ngcaciso.

14. Inqununu mayithumele yonke imibuzo emalunga nale ngcaciso imfutshane kumlawuli wovavanyo wesithili nakumququzeleli woviwo.

15. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala, abagadi babaviwa, nabazali/nabagcini/nabanonopheli ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-10-26